

UXWEBHU LWENKCAZELO YEMVELAPHI

INKQUBO YOKUFAKA ISICELO

SOKUGUNYAZISWA KOKO KUSINGQONGILEYO

YOPHONONONGO OLUCETYWAYO LOHLOLO

OLUSISISEKO LOHLOLO LWEZOLWANDLE



INJONGO YOXWEBHU

- Oluxwebhu lwenkcazelo yemvelaphi (BID) ikubonelela, njengomntu onomdla nochaphazelekayo (I&AP), isishwankathelo seprojekthi ecetywayo.
- I-BID iyakumema, njenge-I&AP, ukuba uthathe inxaxheba kwiNkqubo yokuThatha inxaxheba koLuntu efunekayo.
- I-BID ikubonelela, njenge-I&AP ngethuba lokunikela nokuthatha inxaxheba ekwakhiweni kweNgxelo yoHlolo oluSisiseko (BA).
- I-BID ikwakubonelela wena, njenge-I&AP ithuba lokubonelela iqela leprojekthi ngezimvo zakho, iinkxabalo kunye neenkcaso malunga neprojekthi ecetywayo.

INTSHAYELELO

I-Searcher Geodata UK Ltd (emva koku ekubhekiselwa kuyo njengomfaki-sicelo – i-Searcher) yandula ukwenza uphando lwe-3D seismic kulwandle olusentshona yoMzantsi Afrika njengexalenye yemvume (i-reconnaissance permit) 12/1/043. Uvavanyo laqala kweyoMqungu ku-2024 laze laphela kuTsazimpunzi. Ngenxa yokuba iPhepha-mvume le-reconnaissance linokuba semthethweni unyaka omnye kuphela imvume ka-043 iya kuphelelwa ngomhla we-10 kweyeNkanga ku-2024.

I-Searcher ayikwazanga ukugqiba uphando olucetyiweyo ngexesha eliphakathi kweminyaka u-2023-2024, ngenxa yexesha elivumelekileyo lokwenza uphando lwe-3D seismic kunye nokufumaneka kweenqanawa zophando. I-Searcher ngenxa yoko iye yafaka isicelo sephepha mvume ye-reconnaissance elitsha kwindawo enye. Ugunyaziso olutsha lokusiNgqongileyo luya kufuneka ukuze i-Searcher iqhubeke phantsi kweMvume le-reconnaissance entsha.

I-Searcher iqeshe u-Environmental Impact Management Services (Pty) Ltd (EIMS) njenge-Environmental Assessment Practitioner (EAP) ukuncedisa ekwenzeni iinkqubo zogunyaziso ezifunekayo (kubandakanywa nentatho-nxaxheba yoluntu ngokusemthethweni), kunye nokuqokelela kunye nokungenisa amaxwebhu afunekayo ukuxhasa isicelo se:

UGunyaziso lokusiNgqongileyo (EA) ngokuvumelana neMisebenzi Edweliswe yi-NEMA 21(B) (GNR 983).

Inkqubo yoHlolo lweMpembelelo yokuSingqongileyo (EIA) iyakwenziwa ngemigaqo yeSahluko 6 seMimiselo ye-EIA, yowama-2014 (GNR 982) ebhengezwe phantsi kwe-NEMA (njengoko ilungisiwe). Kuyakulandelwa inkqubo yoHlolo oluSisiseko (BA).

Injongo yoXwebhu oluneNkcazelo yeMvelaphi (BID):

Injongo ye-BID ku:

- Bonelela ngesishwankathelo soGunyaziso lokusiNgqongileyo/Izicelo zeLayisenis kunye neenkqubo yokuthatha inxaxheba kolungu eziya kuqhutyelwa iprojekthi ecetywayo;



- Vumela Abantu abaNomdla nabaChaphazelekayo (I&APs) ithuba lokufumana ukuqonda okubanzi ngeprojekthi ecetywayo kunye nokucela okanye ukwabelana ngenkcazelo; kunye
- Nikezela ngeenkukacha malunga nendlela i-I&APs enokubhalisa ngayo umdla wayo kwaye ingenise izimvo zoyo ngeprojekthi. Kubalulekile ukuqaphela ukuba kuphela ngama-I&APs abhalisileyo ayakufumana unxibelelwano olungakumbi malunga neprojekthi kangangesithuba senkqubo ye-EIA (okkt. Isicelo sokuhlolwa kwakhona kunye namagqabaza kwiNgxelo ye-BA Report).

INDAWO, ISIKALI, UBUNGAKANANI BEPROJEKTHI ECETYWAYO

INDAWO

I-Searcher iceba ukuqhuba uhlobo lwe-3D seismic kulwandle olusentshona yoMzantsi Afrika . Le projekthi icetywayo imi kummandla omalunga ne-255 km ukusuka kunxweme lwase-St Helena Bay, inabe igudle umda wonxweme osentshona malunga ne-220 km ukusuka elunxwemeni lwase-Hondeklip Bay kwanentaphane yeebhloko zelayisenisi zamafutha. Eyona ndawo isondele kakhulu kulo mmandla uhlolwayo imalunga ne-220 km ukusuka elunxwemeni lweNtshona noMntla Kapa. Iikona zale ndawo ihlolwayo zimi ngolu hlobo:

#	Ubude (E)	Ububanzi (S)	#	Ubude (E)	Ububanzi (S)	Qonda:
1	~14° 04' 01.4328"	~30° 14' 20.3646"	12	~13° 58' 47.2533"	~32° 10' 00.5402"	1: Umda osentshona wommandla wemvume kumacala e-10-20 uquka umda we-EEZ yaseMzantsi Afrika kuma-200nm kwaye usenokutshintshwa. 2: Umda wommandla wemvume kumacala aqala kuma-20 ukuya kwelo-1 ulele kumdibaniso wamazwe ngamazwe phakathi kweNamibia noMzantsi Afrika kwaye ungasshintsha.
2	14° 16' 06.5743"	30° 27' 02.4644"	13	~13° 50' 17.2474"	~31° 53' 40.5803"	
3	14° 47' 37.1143"	31° 00' 01.3293"	14	~13° 47' 47.2497"	~31° 49' 20.6094"	
4	14° 53' 02.6665"	31° 05' 40.9497"	15	~13° 44' 07.2416"	~31° 42' 20.6158"	
5	14° 59' 56.5256"	31° 05' 40.9497"	16	~13° 41' 17.2488"	~31° 36' 40.6302"	
6	15° 09' 38.6339"	31° 05' 40.9497"	17	~13° 33' 07.2379"	~31° 15' 30.7137"	
7	15° 09' 38.8124"	31° 15' 01.0986"	18	~13° 28' 17.2401"	~31° 01' 20.7564"	
8	15° 09' 38.8811"	32° 00' 01.2222"	19	~13° 24' 37.2354"	~30° 50' 40.7684"	
9	15° 09' 38.9210"	32° 35' 25.5423"	20	~13° 21' 01.7084"	~30° 39' 24.9181"	
10	~13° 54' 25.9869"	~32° 35' 33.6389"	21	~13° 35' 39.2243"	~30° 32' 20.7014"	
11	~13° 54' 27.2447"	~32° 33' 10.4617"	22	~13° 47' 32.1985"	~30° 25' 05.6174"	

Eyona isondeleyo idolophu okanye indawo yomndla: IKapa, i-Hout Bay, i-Saldanha, i-Lamberts Bay, i-Hondeklip Bay ne- Port Nolloth. Please refer to locality map at the end of this BID.

INGCACISO YEPROJEKTHI

Ukungena kwe-Hydrocarbon kwenzeka koovimba bomaleko wodaka. Ekubeni ikhaphukaphu kunamanzi iyaqokelelana kwindawo ebambeka kuzo apho loo maleko wodaka ubambekileyo okanye ukekeleleyo ngoku isongelele okanye ivele izingene kuloo maleko wezejiyoloji. Uhlobo lommandla wolwandle lususixhobo esibalulekileyo sokufumanisa ezo zinto zingenileyo kwaye ngaloo ndlela luyinxalenye engenakuthatyathelwa indawo yoqwalaselo lweoyile yaselunxwemeni okanye lwegesi. I-3D seismic surveys ziqhutywa ngendlela exinenene kakhulu kwaye zibonelela ngofanekiso womngangatho ongaphantsi kolwandle kunye nomngca wokulandlela olu hlobo.

Lo mmandla womdla wohlobo olucetywayo lwe-3D seismic survey umalunga nama-30 000 km² ukunaba kwawo. Sithetha nje kujongwe ukuba olu hlobo luza kutyekela ngase-NE-SW okanye e-SE-NW. Olu hlobo lwe-3D luza kuthatha ukulandelelana ngokweenzuku ezili-127 kuquka nexesha lokuphumla.

Kucetywa ukuba kusetyenziswe isikhophe esinye sohlolo esixhotyiswe ngemithombo nezinto zokustrima zohlolo lwaselwandle. Uhlobo olucetywayo lwe-3D luya kuxhaswa isikhophe esikhaphayo esinye. Esi sikhophe sikhaphayo siza kuncedisa ekubekeni esweni nasekulumkiseni ezinye izikhophe (umz. Ezokuloba nokuthutha abantu njl.) malunga nohlolo kunye nokungahambikakuhle kwesi sikhophe sohlolo. Ubuncinane, iGosa loNxibelelwano lokuLoba (Fisheries Liaison Officer [FLO]) elithetha isiNgesi nesiBhulu liza kube likhwele apho kwesi sikhophe sikhaphayo ukwenzela ukuba siququzelele indlela yokunxibelelana ngolwimi lwasekuhlaleni kwizikhophe zokuloba(okanye ezinye)ezikuloo ndawo. Ukongezelela, kuza kubakho abakhi-mkhanya beziDalwa eziNcancisayo zaseLwandle ababini abakhwele apho kweso sikhophe sohlolo ukwenzela ukuba bagade izidalwa ezincancisayo nezinye izidalwa zaselwandle ngamehlo baze baqinisekise ukuba olu hlobo lwenziwa ngendlela ethobela izikhokelo ezichazwe kwisiCwanciso soLawulo lweNdalo esiNgqongileyo.



Utshintsho lweqela labasebenzi luza kwenzeka ngokwenkxaso okanye isikhephe sokuhlola siye elunxwemeni. Ukuba kuyimfuneko, kusenokusetyenziswa i-nqwelo-ntaka ukuthutha abasebenzi abaya nabasuka kwisihephe sohlolo naseKapa okanye eSaldanha Bay. Kodwa ke, ngenxa yokuba i-helicopter inesakhono esisezantsi sokuthwala abantu oku akulindelekanga uuba kwenzeke. Indawo yokufikela yothutho iza kuba se-Port of Cape Town okanye e-Port of Saldanha Bay. Enye indawo ekunokukhethwa kuyo liKapa. Iziseko zenkonzo ezifunekayo ukuze kunikelwe inkxaso efunekayo yaselunxwemeni sele ifumaneka eKapa naseSaldanha. Ngaloo ndlela, akukho ziseko zongezelekileyo zaselunxwemeni ezimele zibe yimfuneko ukuze kwenziwe le projekthi.

Ukuqaalisa kohlolo lokwenene luza kuthi ekugqibeleni luxhomekeke kumhla wokunikezelwa kwesigunyaziso kunye nokufumaneka kwesikhephe sohlolo. I-Searcher iceba ukuqaalisa nohlolo lwezolwandle **kwi-Q1 2025**, kuxhomekeka kuzo zonke izinto ezimele zivunye ngokusesikweni.

IZINTO EZIFUNEKAYO NGOKOMTHETHO

Le projekthi icetywayo ifuna ukuba kubekho izigunyaziso, iimvume ezisesikweni, iimvume, kunye/okanye iilayisenisi. Ezi zinto zifunekayo zilandelayo ziye zachongwa ngokukhethekileyo:

Umthetho Osebenzayo	Imisebenzi edwelisiweyo okanye izinto eziza kuqalwa	Isigunyaziso, iMvume eseSikweni, okanye yeMvume: iLayisenisi, imfuneko
Isahluko 5 se-NEMA	I-GNR 983 (ka-2014, ngokohlengahlengiso): <i>uMsebenzi 21(B): Nawuphina umsebenzi oqukwa kwiintshukumo zaloo msebenzi ufuna imvume yohlolo lomhlaba ngokuvisisana necandelo 74 loMthetho woPhuhliso lobuNcwane beziMbiwa nezamaFutha, kwakunye nawo nawuphina umsebenzi ofanelekileyo njengoko kuqulethwe apha kwesi Saziso soDweliso okanye iSaziso soDweliso 3 ka 2014, okufunekayo ukuze kusetyenziswe imvume yohlolo lomhlaba, ngaphandle- (a) kwalo naluphina uphononongo olwenziwa ekhompuyutheni; kunye (b) naluphina uhlobo olwenziwa ubhabha emoyeni</i>	IsiGunyaziso seNdalo esiNgqongileyo (Environmental Authorisation [EA])

Njengomphumo wokuqaalisa la malungiselelo angasentla, kukho imfuneko yokuba kuqaliswe iQwalaselo olusisiSeko (Basic Assessment (BA)). I-BA kufuneka yenziwe ngokuvisisana neemfuneko zemiMiselo ye-NEMA EIA, ka-2014, ngokohlengahlengiso (GNR982). Imisebenzi eyongezelekileyo edwelisiweyo kunye okanye ukusetyenziswa kwamanzi kusenokufunyaniswa njengokuba inkqubo iqhubeka.

INKQUBO YOKUQWALASELA IFUTHE

Inkqubo ye-EIA (**kule meko uQwalaselo olusisiSeko- Basic Assessment**) sisixhobo sokuqhekeka nokwenza izigqibo, ukuchaza nokuqwalasela ifuthe kwizinto zokoqobo, kweziphilayo, kwezintlalo, kunye nezozoqosho elinokubakho ngenxa yolu phuhliso okanye iprojekthi. Ukuze sikwazi ukuncedakala kule nkqubo yokwenza izigqibo, kubalulekile ukuba iingxaki nezinto ezixhalabisa uwonke wonke zibonwe kwangexesha, ukuze iqela le-EIA liziphonononge.

Inkqubo ye-EIA ivumela ukuba izinto ezenzeka kwindalo esingqongileyo ngenxa yale projekthi icetywayo zibonwe kusengaphambili, ziphandwe kuyo yonke le nkqubo yokuqwalasela ifuthe, zize zicingisiswe ngabasemagunyeni abenza izigqibo. I-EAP neengcali ezahlukahlukeneyo nazo ziye zikhangele ifuthe elibi nelihle elisenokubakhona ngenxa yale projecti icetywayo kuze kukhangelwe iindlela zokukhawulelana nalo ezifunekayo, ukuze kuphetshwe okanye kuncitshiswe ifuthe elibi kuze kunatshiswe ifuthe elihle.

Zakube zigqityiwe iinkqubo ezifunekayo aza namaxwebhu okugqibela athunyelwa kumagunya afanelekileyo, la magunya afanelekileyo ayazihlolisisa ezi zicelo aze enze isigqibo ngokusekelwe kulwazi. Ii-I&AP ziza kwaziswa ngeso sigqibo nangelungelo lazo lokubhena xa kungenzeka ukuba zingavumelani neso sigqibo.

IFUTHE LASEKUQALENI KWINDALO ESINGQONGILEYO

Eyona nto ingundoqo kwimpumelelo ye-EIA kukuqiniseka ukuba ifuthe elisenokubakho (elihle nelibi) liyafunyaniswa lize liphandwe. Izinto ezongezelekileyo ezinganefuthe zingakhangelwa kwaye iingcali ezifanelekileyo ziya kuqukwa kweli qela ukuze kuqwalaselwe ngokuchanileyo nangokunejongo ezi zinto kusenokwenzeka zibe nefuthe. Izinto eziliqela ekungenzeka zibe nefuthe



ezihambisana nale projekthi icetywayo ziye zafunyaniswa. Izinto ezinganefuthe ezifunyaniswe ekuqaleni ezimele ziqwalaselwe kwinkqubo ye-BA ziquka phakathi kwezinye izinto:

- Ifuthe kwiCandelo lokuLoba;
- Umenzakalo emizimbeni kunye/okanye ukufa;
- Ukuphepha ngendlela zokuziphatha;
- Ukuncipha kwempumelelo yokuvelisa kwakhona /ukuzala kwezidalwa zaselwandle;
- Ukuvalelwa kwezandi zendalo esingqongileyo nonxibelelwano ukwenzela izidalwa eziphila elwandle;
- Ukonzakaliswa ziinqanawa kunye/okanye ukuchatshazelwa yioli kweentaka zolwandle;
- Ungquzulwano kunye okanye ukuphinyelana kwamafudo/izilwanaya ezincancisayo zaselwandle kwizinto ezirhuqwayo ezidumayo; kunye
- Ifuthe kwindalo esingqongileyo kwezentlalo kunye namafa angaphathekiyo

Ifuthe elikhankanywe ngasentla alimele lijongwe njengekuphela kwefutha eliza kufunyaniswa ebudeni bexesha lohloho. Ngokusekelwe ekufakaneni imilomo nowonke wonke, igalelo elivela kwiingcali kunye noqwalaselo oluneenkukacha, ifuthe elongezelekileyo kusenokwenzeka ukuba lifunyaniswe lize liqwalaselwe.

Zonke izinto ezinefuthe ziza kufunyaniswa zize ziqwalaselwe emva kwenkqubo yoqwalaselo lwefuthe sikhokelwa zizinto ezifunekayo kwimiMiselo ye-NEMA EIA, ka-2014. Indlela yokusingatha le nto ngokubanzi kujongwa ubunzulu benkqubo yokubeka amazanga omngcipheko kwindalo esingqongileyo (environmental risk [ER]) ngokuqwalasela iziphumo (consequence [C]) zefuthe ngalinye (oku kudibanisa iNdalo, ubuNgakanani, ubuDe beXesha, ubuNzulu, kunye nokujikiswa) kuze oku kudityaniswe kula mathuba/ukwenzeka (P) kweli futhe. Oku kwenza isigqibo ngokuphathelele umngcipheko wendalo esingqongileyo. Ukongezelela, ezinye iinkalo ziquka ifuthe eliqokeleleneyo, inkxalabo kawonke wonke, kunye nobuncwane bamathuba okwenzeka kwezinto ezingenakuthatyathelwa indawo, kwaye zisetyenziswa ukwenza isigqibo sokubeka iinkalo eziza kuqala (prioritisation factor [PF]) esetyenziswa kwi-ER ukuze kugqitywe ngembaliyeke iyonke (significance [S]).

Ngaphezu koko, ngokusekelwe kwifuthe kunye nokwenziwa kwezinga, izinto ezikhawulelanayo, kunye nemizila ziyanconyelwa kulowo ufaka isicelo kwaye ezi ziqukwa kwisiCwangciso sokuLawula iNdalo esiNgqongileyo (Environmental Management Programme [EMPr]) ukuya ekuqinisekiseni ukuba naliphina ifuthe elibi elingenakuphetshwa liyancitshiswa kwaye liyalawulwa, kwaye enziwa anabe amathuba ezinto ezilifuthe elihle.

Uphononongo lwengcali lungasetyenziswa ukusikhokela nokusinceda sazi ngoqwalaselo lwezinto ezinganethuba lokuba nefuthe. Olu phononongo lwengcali olwafunyaniswa ukuba luqukwe kolu qwalaselo luquka:

- UQwalaselo lwezeNdalo yasselwandle;
- UQwalaselo lwamafa eNdalo;
- UQwalaselo lweNtlalo-ntle
- UQwalaselo lweziNto eziHamba eLwandle
- UQwalaselo lweFuthe kwezokuLoba.

Iintswelo zokwenza uphononongo oluthe vetshe lusenokufunyaniswa ngenkqubo ye-BA.

INDLELA YOKUBANDAKANYEKA

Xa uvakalelwa ukuba usenokuba unomdla, okanye usenokuchaphazeleka, yile projekthi, kubalulekile ukuba ubhalise njenge-Interested and Affected Party (I&AP) apho uya kugcinwa usaziswa ngokuphathelele le projekthi uze unikwe nethuba lokuthatha inxaxheba kule nkqubo. Nceda uphawule ukuba kuphela zii-I&AP eziza kuqukwa kwimbalelwano yexesha elizayo ngokuphathelele le projekthi kunye nokuhlaziywa okunxulumene noko. Usenokubhalisa uze/okanye ugqabaze njenge-I&AP kuyo nayiphina into kwezi zilandelayo:

- Zalisa ifomu yobhaliso lwe-I&AP noluhlu lwemibuzo uze uyibuyisele kwi-EIMS nge-email, nefeksi okanye iposi;
- Faka amagqabaza abhaliweyo, ubhaliso, okanye izicelo ze-EIMS nge-email, ngefeksi okanye iposi; kunye/okanye
- Usebenzise umnxeba.

Nceda uqaphele ukuba zii-I&AP ezibhalisiweyo kuphela eziya kwaziswa ngokuthe ngqo ngenkcazelo yeprojekthi yexesha elizayo kunye namathuba okuthatha inxaxheba. Ukuphepha ukuphoswa ngamathuba okuthatha inxaxheba koluntu, nceda ungenise



ubhaliso lwe-I&AP, okanye nayiphi na imibuzo, izimvo okanye iinkxalabo ngokubhekisele kule sicelo, nge-20 kaMeyi 2024, kwi-EIMS.

Ncedani niphawule ukuba ukongezelela koku kungasentla, zonke ii-I&AP ezibhalisiweyo ziza kwaziswa ngexesha elifanelekileyo ukwenzela amathuba enxaxheba engagumbi, kwakunye nokufumaneka kweNgxelo ye-BA ekuya kuthi kufunwe amagqabaza ngayo.

Environmental Impact Management Services (Pty) Ltd (EIMS)


Umntu woqhakamshelwano: Alex Msipa

INombolo yesalathisi ye-EIMS: 1623

Idilesi yePosi: P.O. Box 2083; Pinegowrie; 2123

Umnxeba: (011) 789 7170/ Ifeksi: (086) 571 9047

I-Imeyili: searcher48@eims.co.za



Locality Map

Searcher Reconnaissance BA

Legend

- Coastal Towns
- ↘ Roads
- Offshore Permits Rights
- South African Exclusive Economic Zone
- Proposed 3D Seismic Survey Area

Proposed Project Area Coordinates:

Point:	Latitude;	Longitude
1:	30° 14' 20.36 S;	14° 04' 01.43 E
2:	30° 27' 02.46 S;	14° 16' 06.57 E
3:	31° 00' 01.33 S;	14° 47' 37.11 E
4:	31° 05' 40.95 S;	14° 53' 02.67 E
5:	31° 05' 40.95 S;	14° 59' 56.53 E
6:	31° 05' 40.95 S;	15° 09' 38.63 E
7:	31° 15' 01.10 S;	15° 09' 38.81 E
8:	32° 00' 01.22 S;	15° 09' 38.88 E
9:	32° 35' 25.54 S;	15° 09' 38.92 E
10:	32° 35' 33.64 S;	13° 54' 25.98 E
11:	32° 33' 10.46 S;	13° 54' 27.24 E
12:	32° 10' 00.54 S;	13° 58' 47.25 E
13:	31° 53' 40.58 S;	13° 50' 17.24 E
14:	31° 49' 20.61 S;	13° 47' 47.25 E
15:	31° 42' 20.62 S;	13° 44' 07.24 E
16:	31° 36' 40.63 S;	13° 41' 17.25 E
17:	31° 15' 30.71 S;	13° 33' 07.24 E
18:	31° 01' 20.76 S;	13° 28' 17.24 E
19:	30° 50' 40.77 S;	13° 24' 37.24 E
20:	30° 39' 24.92 S;	13° 21' 01.71 E
21:	30° 32' 20.70 S;	13° 35' 39.22 E
22:	30° 25' 05.62 S;	13° 47' 32.20 E

Data Sources:

CSG; ESRI
 Coord System: GCS WGS 1984
 Datum: WGS 1984
 Units: Degree
 Ref: Locality Map

Date: 2024/04/10

EIMS Ref: Searcher BA Locality
 Compiled: QM
 Reviewed: LW
 Approved: LW

